**Thesis**

**(IsiXhosa component of dual language submission)**

# Ndonakele

Submitted in partial fulfilment of the requirements for the degree of
Master of Arts in Creative Writing
of
Rhodes University

by

Ayabulela Ngcelwane

November 2018

**IZIQULATHO**

Ingabula-zigcawu ..... 2
U N y a n i s o ..... 3
Emathunjini omhlaba ..... 4
U D L A V U Z A ..... 5
ndonakele ..... 6
Abacinezeli ..... 7
Amadlagusha ..... 8
Aph’ eKhaya ..... 9
Intlebendwane ..... 10
Ukuxhatshazwa ..... 11
Ndinephupha ..... 12
i n y a l a. ..... 13
Xhesh’ impilo ..... 15
Umhlayivayo ..... 16
Wanditshonisa uMatshonisa ..... 17
Idayari kaBhulu ..... 18
Deliwe ..... 19
Ulele? ..... 20
UNontlalontle ..... 21
Nondatshaza ..... 22
*eMjiva* ..... 23
Ndenze Ndalo ..... 24
Izimanga Zedolophu ..... 25

**Ingabula-zigcawu**

Le thisisi yingqokelela yemibongo egxile kwimingeni ejamelene noluntu kwimimandla efana neelokishi. Unobangela wale mingeni yintswelo-ngqesho, ukungafumani zindlu, ubundlobongela, isimo sezepolitiki, njalo-njalo. Imisebenzi kaRonnie Kasrils ngakumbi kwincwadi yakhe ethi *A simple man*, uRustum Siyongwana – *Ubulumko bezinja* uS. S. Mema – *Umnxeba Wobomi*, nezinye, zibe nefuthe kakhulu kule thisisi. Indlela abasebenzisa ngayo ulwimi lwemihla ngemihla, maxawambi bade basebenzise nesakhono esisetyenziswa ezintsomini ezifana nokusebenzisa abalinganiswa abazizilwanyana bekwekwa umba onobuzaza. Injongo yalo msebenzi kukugqamisa ukubaluleka kwentlalontle yoluntu, nokuvuselela isazela koongxowa ayibotshwa. Yiyo loo nto kuzanywe kangangoko ukusetyenziswa ulwimi olunokufikeleleka nakubani na.

**U N y a n i s o**

Akanamhlobo, ubonwa

ukungabinabuchopho

ulutshaba lwesizwe

esifukame imposiso.

Utyiwa izithende

kwiimbutho zabagxeki,

Ubonwa njengomgwebi.

**Emathunjini omhlaba**
Bashiy’ abafazi, imfuyo neentsana
zikhasa, ezinye zisebeleni zincanca.
Chu-ngcembe ukuyozingela iintsiba
kwaNdongaziyaduma.
Abasagoduki bathinjwa ngooNondatshaza
Abasabhali nencwadi, abathumeli nemali
Izihlobo ziyatshaba bona beva ngembali.

**U D L A V U Z A**

Ndingumakhwekhwetha umpetha

ndiligongqongqo uGilikankqo

ndihlasela isibeleko, igazi, ibele, isikhumba nengqondo

ndilitutu elinamava ndifika kungacingwanga.

usizi andilutyi, andinamhlobo, andihleki, andinyangeki

ndikuchuba uchabase, andikucingeli, ucondoba ude uyokuthi

nca ngokhukho lokufa, ndikungcungcuthekisa ude uyothwala

umhlaba ngesifuba. Bahlala bethetha ngam ingakumbi

kwinyanga yoMdumba. Bathi ndingumhlaz' ahlakazayo.

Ndiyadlavuza, ndigqugqisa umlisela nomthinjana.

Oonina ndabaginya ngopewule, ziziinkedama nje ezi ntsana

Izimbo zam ngumlo wegazi andiva kunqandwa.

**ndonakele**
Ndiphefumla ngamanxeba,

Ndixheleke umphefumlo,

Ukuba bendingeyiyo indoda,

Ngendisitsho isijwili.

Namhla andiyohluli imini nobusuku,

Ndiqamela ngeenyembezi.

Uhambo lwakho lundothusile

Lala ngoxolo Magxarha omhle.

**Abacinezeli**

Zizinyorunyoru oongxow' ayibhotshwa

Bafana nqwa nokufa, ziihagu amaxaxavithi amaxelegu

Aboneliseki bahlala bekrokra. Basibetha ngemfe

iphindiwe kule dyokhwe yobukhoboka.

Bendiba ngabebala abasibeka amabala, abangcatshi

ndibaphose kwelokulibala, kanti aluma evuthel' amabhulu

amnyama, abhujelwa zizazela.

**Amadlagusha**

Afika ngenqanawe aqhath' uNongqawuse
thula Tawuse vuma ndinabe, ayingobantu
bakulunga wababona uMakhanda.

Ngoko ke mabahambe oondlebe zikhany' ilanga
ziingcuka kwisikhumba segusha, baduka nentlutha,
basal' abantwana bomgquba bebhuqwa yindlala.

*Zemk' iinkomo magwalandini*, lemk' ilizwe nilibele kukulala
emini, ziintloni ukukhobokela abasemzini befike bumini.
Imfama soze ikhokele imfama, kukud' engqinibeni mzi
omnyama.

UbuKrestu yinkolo yamagqobhoka, ndiliqaba mna ndifuna
ubutyebi nomhlaba, dukani nina nenkolo yeentlanga.
Ukuba ubumnyama sisono nenyala ndigwebeni ndinetyala.

**Aph' eKhaya**
UYesu akayiyo inkosi nomsindisi,
apha sinyangwa nguDlamini,
apha sinqula uQamata entabeni,
sitshisa imphepho sibize ooMancoba,
singxengxezel' amatyala exhantini.

Aph'ekhaya sihlamba ngengcambu, siyachatha
siyagabha, silala ebuhlanti xa sinqatyelwe ngamaphupha
sisila igogogo xa izinto zingalungi, asikhuphi
ziishumi.
Aph'ekhaya singabantu, umhambi simenzela
okusiwa phantsi kwempumlo, athobe ngomdoko
xa kungasithanga simphe impungo, aph' ekhaya
nongafuyang' uyayity' inyama.

**Intlebendwane**

Khawuyeke ukushusha ngegama lam nooNontyintyi
Khawuyeke ukuphunga ngegama lam aliyokomityi
Liyeke libethwe ngumoya liphole lithi *huuu!*
Azikho iindaba ngaphandle kwalo?

Akukho nto ikhubekisa njengokuchutywa, abantu
balinabele igama lakho. Utyiwa izithende ngulo
kanye ubumthembile, ukoja kwiziko lomlilo
ekhusini.

Ehleka eveza nelokugqibela nje akanyanisekanga
Ukwenyelisa kanobom' esidlangalaleni, ukuhlaza
ekuhlaleni, uhlekisa ngaw' ezintshabeni.
Evuselwa etywaleni ngezam nje, ezakhe zimoyisile.

**Ukuxhatshazwa**

Ubomi yincidi yekhala buyakrakra

ubomi ngamanzi omhlontlo buyaphandla

abhalwa ecinyw’ amatyala

ootata abaxhaphaza amanina nabantwana.

Ayingomanqenerha ncam torho, nto nje imali

iphelela ematyaleni otywala, iintsana zikhula

nenqala, isizekabani yimeko yekhaya.

**Ndinephupha**

Ndinephupha lokubhangisa indlala
nobundlobongel' ebantwini.
ndinephupha lokushumayela
ukuthembeka nokunyaniseka.

Ndiphupha ngelizw' elinoxolo
Ndiphupha ngelizw' elinenzolo
Ndiphefumlele abantu ngobuntu
Ndiphucule umz' ontsundu.

Ndinephupha lokuvus' abalele
ekhukhweni lokufa, ndomeleze
abengenathemba. Ndinephupha.

**i n y a l a.**
Lalisandula kuthi rhatya, imo yezulu imathumb’ antaka
Kungantyilozi neentaka kuthe cwaka.
wayekwigumbi lakhe lokulala suka kwathi qatha
ukuba makaziphe ithutyana lokuthandaza.

Wonganyelwa ngamanwele igaz’ emzimbeni labaleka
ngesenqwelo-moya isantya.

Safika esi sidlwengu sifuthela phezulu okwesilo
sihlaselwe ngumbefu, ngumsindo silugcwabevu
tyhini bethu, akukho ndod’ apha lixelegu.
Akangcolanga ubolile uneempethu.

Wafika selebamba, kulo mathangana sel’ ebanga
emqhiza engeva kunqandwa.
usana lutaka-taka lukhonya lukhwaza.

Wothuka phantse wabhubha xa ebona n-g-u-y-i-s-e
lo wenza lo mkhuba, wazithethelela esithi unkabi

*N-t-o-m-b-i- y-a-m*
*ndikukhulise nzima, awunakuhamba uvunwa ngala*
*matyendyana ibe indim owakulima nzima.*

Indoda engafihli makhuba kulinywa, yawaphosa
Ezindlathini zenginginya.

Ndeva ngesimbonono ndigqitha,
Ndatsiba ndisiya kuloo ndlu ndibhabha,
ndankqonkqoza kabini, kathathu,

**Xhesh' impilo**

Mtshabalalisi wamaphupha nobomi
siyobisi esingena sazela neentloni
wahlutha inimba nesidima ebantwini.

Chu-ngcembe indlela ikhombise
kuloo ndibano yobumnyama.

umabil' ebanda yinqwelo ekuqhubela kwantso-
nganyawana, ngumbulalazwe ogqugqisa umlisela
nomthinjana.

*Kukutya kwamadoda oqobo* zatsho iziyatha
zishiywa yimilomo. Abachasi bayucwa ngempakamo
abaxhasi bazibizela impala, akuyi lubuyayo.

Utywala lizothe umkhohlisi wolutsha neenkonde
ndinoloyiko lobavula bazilontshe, bayiphake ngebhongo
bengakhange bayibonde, bavuthelwe sisihogo ndibothe.

Kuyasa, umama kaNobhodletyekeza noNokuzakufa
Usajuxuza kule gumba-gumba esithi udla ubutsha, efunga
emunc' iintupha, ligugu ezingomba isifuba esiba uphila iphupha.

Sele baamdyobha ngesifo samadlagusha sokubhiyozela ukubhubha
"*after tears*" ngabula makhumsha, bafunga iintshiya negqiza, bethe
qhiwu imidiza, koodludla nazo ingumdliva.

Ingaba safelwa zizazela? Masiqiqe siqonde kuqala ngokuba
ezizamva zodliwa zizagweba.

**Umhlayivayo**

Akukho nto ingelobhongo eqabeni
umsebezi waseRhawutini akasonwabisi
ngentsholo sivuka silale ngegumba-gumba.

Uyixwaya egxeni xa simnqand' athi
*Hay ndiqhel' eRhawutini mna*
Uyikhalisa ndikhathazeke
ngaphakathi.

Sisiqhu segquba lamadoda
ale lali aze kumamela le gumba-gumba
kuselwa isivuno samaxesha oyolo.

Uviwa eseza kude ziintsana zakhe
uhleli nje wakhe amaxhaga ngumatshambeni
ohamba ngogaga, kumhlayivayo.

**Wanditshonisa Matshonisa**

Ndithi kuwe akukho mntu apho yintsimi yemfene
bendiba uyandihlangula xa iimeko zindityabula
kanti ndizifaka kwenye inyewe, kwisiziba esingenanyele.
uMatshonisa akanasizi, sele ndintywizisa ezegazi akathambi
ndiya emondlalweni amathumbu etyekez’ umoya, ndiphila
ngamabona-ndenzile, ndendel’ endlaleni ndingalotyolwanga.

**Idayari kaBhulu**
Diye Dayari

Uncumo lwakhe luyandibasela, lunje ngomoya
ophuma phakathi kwemilebe yexhegwazana
likhwezela. Ndifike kuye ndibilile, ndingcangcazela,
uvalo lungongoza.

*'Ndikuthandile sisi'*
*'Uthanda mna?*
*Ungubani wena?'*

Ezi zizinto endigagana nazo mihla le,
Usandibuza ukuba kutheni ndinguBhulu?

**Deliwe**

Qho ndikubona, kunga ungathi masiqale apho
sasiyeke khona, ukundishiya ngoqhwanya khange
ndikulindele, ndabhidwa bubungcwele beengcambu
ndaba anjalo namasebe.

Igugu likhulu kuqhosha umbombo
izibhilivana zakho bendizifunda ndingqengqe
ngomqolo, zindongamele iziyunguma noyolo
ndizibone sele ndikwelemibono.

ubusithi ulithambo ndingumongo, kunga-
ngeni nomoya phakathi kwethu, singenachiza
okwenqenerha nobuthongo namhla iinyembezi
zinqumleza umbombo, ndaliwe nguNobunono.

**Ulele?**

Kukhutshw' amanzi endlini ngamawaba
uphahla luyavuza ngamathontsi, usapho
alulali konwaba. Umzi ukekele oku kwama-
tyendyan' ale dolophu xa ehamba.
Umama wakho akanaswekile, ayisazicimi neketile
wena eGoli wonwabile. Vuka ndoda, ulele?
"*ama-yellowbone*" awanafa nankosi.
Iya kuphelel' emoyeni loo bhonasi!
Baphel' emehlweni nooVuyokazi!
Vuka ndoda, ulele?

**UNontlalontle**

Uvuka ngoms' obomvu, izinja zisaxukuxa
akhwezele amalongwe, zibe bufudumala iindonga,
adubele isidudu avuse abazukulwana.

UNontlalontle akawazi umnyango wesikolo, wazi uthando
ubuntu nenkathalo, fundani bantwana bam nifike apho ndinga-
zange ndifike khona, uhlala esitsho njalo.

Uthwala inyanda ne-emele,
xa iqina imini ubhula iimbotyi.
Iingxaki zethu zisonjululwa nguye!

**Nondatshaza**

Ndimvil' esithi akancumi namasoka
angaqhubi mkracaca,
Amadod' ahlala kumapomakazi oku kwenkandla
ufuna indoda ejika isitulo esinamavili eofisini
indoda esebenza ihombe ngesuti neqhina.

Uthi ufuna isifundiswa, umf' ofunde wayityekeza
akanakuya endlaleni eyibona.
'Ufuna iinkomo ezingamashumi amane anesibini
ezihamba ngamanqina.'

Uzirhidile ke usisi ngezinto zabelungu, equma imibimbi
Unwele ayilul' olwakhe lolwaseBrazili, iinzipho, imisebe,
ibomvu krwee naloo milebe. Abamelwane abayazi nemolo
yakhe, ubeka impumlo ebunzi, ngathi unukiselwa bubuthuvi.
Akasengo Zizipho ngu*Zee-zee-pour* bathi si-*slay queen* ke abo
baz' izinto. AyingoNondatshaza na lo?

***eMjiva***
indoda iphefumlela eny’ enqentsu ngapha
komdiyadiya, usizi alutyiwa. Likhaya lemigewu
izidlwengu, amatutu aphume izandla nezigwinta.
Apha kuseMjiva!

Amadindala athubelezisa izixhobo neziyobisi
amaxhoba adada phez’ kwegazi, lakutshona
ilanga kwenziwa enye indoda umfazi.
Apha kuseMjiva!

Indoda ibizwa ngonina, iya kuphindisa ngaphakathi
kuthethwa nawe ubanjwe ngesixhanti,
uhlukumezeka uzive sele usithi dilika zindonga
ndigoduke. Apha kuseMjiva!

*Impatha* yothulwa *isitimela* ngempama, egolozayo
*uNongoloza* uyigqebha *ngesijumbana*, akukho mama
natata, ujikelwa nangumhlobo
Uhlal’ ukhedamile okungathi ubhujelwe.
Akulalwa kuyavundlwa, ngomsobomvu kuya vukwa.
Soze ndiphinde!

**Ndenze Ndalo**
Inzondo likrel' elixhela intliziyo nomphefumlo. Ayonwabisi njengenyama yetyala esiswini.

Ndenze ndalo ndingazondi, uchuku ndinga-luhoyi, ndingabuyisi ububi ngobubi ngenxa yobubi babo.

**Izimanga Zedolophu**

Akusekho bazali kuzele imilotha
bathi Thembisa kunzima vuma
indoda.

Iqwela lamaxhego lifincwa
ngooDoli beqwanyile. Umkhrestu
uhlabel' *amadlozi*. Ebuhlanti ungena
ngejoyini yaseZiyoni.

Abafana bathe xhonkxosholo okwa-
maxhalanga phez' kwenqweme
amaxhego axhwithana ngesithebe
ngamafutha zinqumile iintshebe.

Izimanga zedolophu libhadi lomshologu,
ungasindwa ngumboko Ndlovu bubomi
nobu.

Oobhut' sisi babeth' ingqongqo
amakrwala abomvu asokwa ngompoco.
Iyavutha idolophu sisihogo.

Noko kunjalo, yanga singaphilisana ngothando noxolo,
sihlalisane ngemvisiswano nenzolo.